Isalathiso: 20160520-535
13/2/2/2/18
Imibuzo: AB Jantjies

ISetyhula: 0028/2016
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili); kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaphathi bokuNika iNkxaso kwiKharityhulam; kuBaphathi beeSekethe; kuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule; kuBaphathi beeKomiti zeeSekethe; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo; kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isishwankathelo esifutshane: *Inkqubo yokulawula utshintsho lwezifundo kumaBakala 10 ukuya kwele-12*.

Isihloko: Ukusingathwa nokulawulwa kotshintsho lwezifundo kumaBakala 10, 11 nele-12

1. **Intshayelelo**

1.1 Le setyhula ithatha indawo yeNgcaciso eMfutshane yeCandelo loViwo 0025/2013, eyayichazela izikolo malunga nendlela yokulawulwa kotshintsho kwizifundo kumaBakala 10, 11 nele-12.

1.2 Le setyhula yazisa umgaqo-nkqubo wokutshintshwa kwezifundo njengoko kupapashiweyo kwi-*Regulations Pertaining to the National Curriculum Statement Grades R-12*, njengoko ufakelwe izilungiso kwiGazethi kaRhulumente, No. 39435 ye-20 Novemba 2015.

1.3 ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) lizimisele ukuqinisekisa ukuba kuhanjelwane mbo nomgaqo-nkqubo wokutshintshwa kwezifundo oya kuqaliswa ngoDisemba 2016.

1.4 Umgaqo-nkqubo wovavanyo wesikolo mawucacise gca inkqubo yalo naluphi na utshintsho lwezifundo olwenziwa esikolweni.

1.5 Iinqununu maziqinisekise ukuba bonke abafundi beBakala 10, 11 nele-12 babhaliswe ngokuchanekileyo kwizifundo abazibhalayo nokuba iinkcukacha zabo zifakiwe ekhompyutheni kwi-*Central Education Management Information System* (*CEMIS*) ekuqaleni konyaka ngamnye.

2. **Utshintsho lwezifundo kwiBakala 10**

2.1 Umfundi uvumelekile ukutshintsha izifundo ezibini ubuninzi kwiBakala 10.

2.2 Umhla wokuvala wezicelo ezisuka kubazali eziya ezikolweni ezimalunga nokutshintshwa kwezifundo yi-**30 Juni**, kwaye izikolo mazilwenze utshintsho kwizifundo kwi-CEMIS ungadlulanga owe-31 Julayi kunyaka abakwiBakala le-10 ngawo.

3. **Utshintsho lwezifundo kwiBakala 11**

3.1 Umfundi unako ukutshintsha izifundo ezibini ubuninzi kwiBakala 11.

3.2 Umhla wokuvala wezicelo ezisuka kubazali eziya ezikolweni zokutshintshwa kwezifundo yi-**31 Matshi,** kwaye izikolo mazilwenze utshintsho kwizifundo kwi-CEMIS ungadlulanga owe-30 Apreli kunyaka abakwiBakala le-11 ngawo.

3.3 Kwiimeko ezinxaxhileyo (*exceptional cases*), umfundi angatshintsha isifundo esongezelelweyo kwiBakala 11, emva kokukhutshwa kweziphumo zakhe zeBakala 11 zokuphela konyaka. Olu tshintsho lwezifundo malwenziwe phambi kwe-15 Disemba kunyaka weBakala 11. Ngenxa yokuba izikolo zivala ngowe-09 Disemba 2016, zonke izicelo zotshintsho lwezifundo mazifunyanwe ungadlulanga owe-09 Disemba 2016 ukwenzela ukuba zifakwe kwi-*CEMIS* ungadlulanga owe-20 Januwari 2017.

4. **Utshintsho lwezifundo kwiBakala 12**

Akukho lutshintsho lwezifundo luya kuvumeleka kunyaka weBakala 12 ukususela ngo-2017 ukubheka phambili.

5. **Ukulawulwa kotshintsho lwezifundo kumaBakala 10 ukuya kwele-11**

5.1 Kubalulekile kakhulu ukuba baqatshelwe kwangethuba abafundi bamaBakala 10 no-11 ngokumalunga notshintsho lwezifundo. Ootitshala bezifundo mababaqaphele abafundi abasemngciphekweni wotshintsho lwezifundo yaye mababazise abazali ngencwadi ebhaliweyo.

5.2 Umzali/umgcini (*guardian*) makenze isicelo sokutshintshwa kwezifundo ngokubhalela kwinqununu echaphazelekayo.

5.3 Inqununu iya kuthetha-thethana nomfundi, nomzali/nomgcini kunye notitshala wesifundo, kwaye mabafikelele kwimvumelwano malunga nokuba ingaba kofezekiswa ezona mfuno zizizo zomfundi ukutshintsha isifundo.

5.4 Emva kokuthetha-thethana ngokukuko nasemva kwemvumelwano ekufikelelwe kuyo, inqununu, umzali kunye notitshala nekufuneka ukuba basayine imemorandam yemvumelwano (*memorandum of agreement*) (isiHlomelo A), esichaza ukuba kwenziwa utshintsho lwesifundo ngenjongo yokufezekisa ezona mfuno zizizo zomfundi.

5.5 Umlawuli we-*CEMIS* wesikolo makagcine ikopi yesiHlomelo A nawo onke amaxwebhu ngenjongo yokuwaphononononga.

5.6 Lonke utshintsho lwezifundo lwamaBakala 10 ukuya kwele-11 luya kuvunywa yinqununu luze lufakwe ekhompyutheni kwi-*CEMIS*.

5.7 Amagosa esithili nawakwandlunkulu aya kubeka esweni ezi zicelo zotshintsho lwezifundo.

5.8 I*WCED* ayisayi kulwamkela utshintsho lwezifundo olwenziwe emva kwexesha okanye ivumele utshintsho lwezifundo kwiishedyuli zokuqala (*preliminary schedules*) zeBakala 12.

5.9 Kukhunjuzwa iinqununu ukuba iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke sisiqinisekiso semfundo seminyaka emithathu, kwaye isifundo ngasinye masenziwe kumaBakala 10, 11 nele-12. Akuvumelekanga ukuba abenzi-sicelo sokutshintshwa kwezifundo benze isicelo soko ekuqaleni konyaka weBakala 12 ukubhalisela isifundo esongezelelweyo.

5.10 Kukhunjuzwa izikolo ukuba idatha yobhaliso ye-*CEMIS* isetyenziselwa ukubhalisa abenzi-sicelo beBakala 12 kwi-*Integrated Examination Computer System (*IECS). Le datha isetyenziselwa ukuprinta iishedyuli zokuqala (*preliminary schedules*).

6. Kucelwa iinqununu namagosa ezithili azise okukule setyhula bonke ootitshala, abazali kunye nabafundi, ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PA VINJEVOLD
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2016-07-30